Stories to heal

As children grow up, they are often faced with situations that are very challenging for them. Some of these may be "ordinary" life events, like starting school, or becoming a brother or sister. But many children are also faced with very difficult challenges, like being at the receiving end of prejudice, or the death of a loved one, or divorce. Children especially need our support during these times and one of the ways we can help them, is by sharing stories with them.

There are many wonderful stories about the potentially tough situations and dilemmas that children may face. Reading these stories together can help to support your children in the following ways.

- When you read a story that has a character who has to deal with an issue similar to the one your children are facing, it helps them to realise that other children have similar problems to them, and so they feel less alone.
- Stories can help children to better understand a challenging situation, discover how to cope with it and explore what options are available to them. Reading stories can help them to understand themselves better.
- Many children find it difficult to identify and communicate how they are feeling. When children identify with a character in a story, they are often able to talk about what troubles them through talking about the character.
- Stories give us a great starting point for discussion about things that are sometimes difficult to talk about. Asking open-ended questions about the story while you are reading it and afterwards, helps children to think and talk about their personal concerns, emotions or ideas. Here are some examples of questions you could use: "Why do you think she did/said that?", "What do you think he should do?", "How would you feel if …?", "What would you do if …?", "What do you do when …?"
- Reading stories together can lead to other forms of self-expression too. For example, your children could retell and/or act out the story, tell or write their own story, draw a picture about the story or one that is inspired by it, or write to one of the story characters.

Stories might not have the power to change the situation, but they can help change how we experience it.

Amabali aphilisayo

Xa abantwana bekhula, kumaxesha amaninzi bajongana neemeko ezicela umngeni kakhulu. Ezinye zezi meko isenokuba zizehlo zobomi "eziqhelekileyo" njengokuqala esikolweni, okanye ukuba ngumkhuluwa okanye udade womntwana osandul' ukuvela. Kodwa uninzi lwabantwana lujongana nemingeni enzima kakhulu kunoko, njengokucalucalulwa, okanye ukuswelekelwa ngabantu ababathandayo, okanye uqhawulo-mtshato lwabazali. Abantwana bayidinga kakhulu inkxaso yethu ngala maxesha kwaye enye yeendlela esinokubanceda ngayo kukwabelana nabo ngamabali.

Kukho amabali amnandi amalunga neemeko ezinzima kunye neengxaki ezingasombululeki lula abantwana abanokuthi bajongane nazo. Ukufunda la mabali kunye nabo kunganceda ukuxhasa abantwana bakho ngezi ndlela zilandelayo.

- Xa ufunda ibali elinomlinganiswa ojongene nomba ofana nalowo abantwana bakho abajongene nawo, kubanceda ukuba baqonde ukuba nabanye abantwana baneengxaki ezifanayo nezabo, kwaye oko kubenza bazive ingengabo bodwa abanezo ngxaki.
- Amabali angabanceda abantwana bayiqonde ngcono imeko engumngeni, bafumane nendlela yokujongana nawo kwaye baphicothe nezisombululo abanokukhetha phakathi kwazo. Ukufunda amabali kungabanceda baziqonde ngcono.
- Abantwana abaninzi bakufumanisa kunzima ukuyichonga nokuyichaza indlela abaziva ngayo. Xa abantwana bezifanisa nomlinganiswa osebalini, badla ngokukwazi ukuthetha ngoko kubahluphayo ngokusebenzisa umlinganiswa lowo.
- Amabali asivulela isango lokuxoxa ngezinto ekunzima ukuthetha ngazo ngamanye amaxesha. Ukubuza imibuzo evulelekileyo ngebali lo gama ulifunda nasemva kokuba ulifundile kunceda abantwana ukuba bacinge kwaye bathethe malunga nemiba ebaxhalabisayo, iimvakalelo okanye iingcinga zabo. Nantsi eminye yemizekelo yemibuzo onokuyibuza: "Ucinga ukuba kutheni enze/ethethe oku?", "Ucinga ukuba kufuneka enze ntoni?", "Ungaziva njani xa ...?", "Ubuza kwenza ntoni wena xa ...?", "Ingaba wenza ntoni xa ...?"
- Ukufunda amabali ndawonye kungakhokelela kwezinye iindlela zokuvakalisa oko ubani akucingayo. Umzekelo, abantwana bakho bangalibalisa kwakhona ibali okanye benze umdlalo weqonga osekelwe kwibali elo, basenokubalisa okanye babhale awabo amabali, bangazoba imifanekiso malunga nebali okanye elinye ibali elivuselelwe lelo balifundileyo, okanye babhalele omnye wabalinganiswa abasebalini.

Amabali angangabinawo amandla okutshintsha imeko, kodwa anganceda kwindlela esiyithatha nesijongana ngayo nemeko leyo.

INSIDE
Win a R100 gift card from Jet Club!
NGAPHAKATHI
Phumelela ikhadi lesipho sokuthenga lakwa-Jet Club elixabisa i-R100!
Jet Club

Drive your imagination

Story Power.
Bring it home.
Wazise ekhaya amandla ebali.

Nal'ibali
It starts with a story...

This supplement is available during term times in the following Times Media newspapers: *Sunday Times Express* in the Western Cape; *Sunday World* in the Free State, Gauteng and KwaZulu-Natal; *Daily Dispatch* and *The Herald* in the Eastern Cape.

Nal'ibali news

To celebrate International Literacy Day on 8 September 2014, Nal'ibali launched its new and improved reading-for-enjoyment cellphone app with Mxit Reach. This easy-to-use app helps to put children's stories and literacy tips into the hands of even more South African caregivers and their children!

Anyone with a cellphone can get a story or literacy tip delivered to their phones each week in English, Afrikaans, isiXhosa, isiZulu, Sepedi and Sesotho!

"Research shows that being told stories and being read to at home are the things most likely to help make children successful learners at school. Stories help children develop their imagination, thinking, ability to use language and their problem-solving skills," explains Carole Bloch from Nal'ibali.

Now, with the Nal'ibali app, you don't have to wait to be at home to share a story with your children – you can enjoy stories together on the train, in the taxi or while waiting for an appointment!

Iindaba zeNal'ibali

Ukubhiyozela uSuku lweLitheresi lwaMazwe ngaMazwe ngomhla we-8 kweyoMsintsi wama-2014, uNal'ibali usungule i-app yeselula entsha nephuculiweyo yokufundela ukuzonwabisa ene-Mxit Reach. Le app kulula ukuyisebenzisa inceda ukuba amabali abantwana kunye neengcebiso ngelitheresi zifikelele ezandleni zeempelesi nabantwana abaninzi ngakumbi baseMzantsi Afrika!

Nabani na oneselula angafumana ibali okanye igcebiso ngelitheresi ngeselula yakhe rhoqo ngeveki ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngesiXhosa, ngesiZulu, ngeSepedi nangeSesotho!

"Uphando lubonisa ukuba ukubaliselwa amabali nokufundelwa ekhaya zizinto ezizezona zinceda abantwana babe ngabafundi abanempumelelo esikolweni. Amabali anceda abantwana baphuhlise amandla emifanekiso-ntelekelelo, ukucinga, isakhono sokusebenzisa ulwimi ngokukuko kunye nesokusombulula iingxaki," kucacise uCarole Bloch wakwaNal'ibali.

Ngoku, nge-app yeNal'ibali, akunyanzelekanga ukuba ude ufike ekhaya ukuze wabelane nabantwana bakho ngebali – ningonwabela amabali nikunye kuloliwe, eteksini okanye lo gama nilinde ixesha lenu ledinga!

Here's how to sign up for the Nal'ibali reading-for-enjoyment app:

1. Download Mxit on your cellphone by going to m.mxit.com.
2. Go to Apps, then Search and then Nalibali.

Nantsi indlela onokuthi ujoyine ngayo ukuze ufumane i-app yakwaNal'ibali yokufundela ukuzonwabisa:

1. Kopela uMxit kwiselula yakho ngokuya ku-m.mxit.com.
2. Yiya ku-Apps, ze emva koko uye ku-Search ulandelise ngo-Nalibali.



More about the Nal'ibali reading-for-enjoyment app

- You can sign up to receive a weekly tip or story to share with your children.
- You can earn points and rewards by completing stories, sending us reviews and answering monthly polls.
- There is a story library where you will find all your favourite read-aloud stories.
- You can complete fun literacy quizzes.
- Coming soon: a multilingual rhyme library for use with babies and very young children, and an "Ask the experts" feature, where you can send your reading and writing questions to receive an answer from a Nal'ibali literacy expert!

Okunye malunga ne-app yakwaNal'ibali yokufundela ukuzonwabisa

- Ungajoyinela ukufumana ingcebiso kanye ngeveki okanye ibali onokwabelana ngalo nabantwana bakho.
- Ungafumana amanqaku namabhaso ngokugqiba amabali, usithumelele uphicotho-bali lwakho okanye uthathe inxaxheba kuvoto olwenziwa kanye ngenyanga.
- Kukho ithala lamabali apho unokufumana khona onke amabali owathandayo onokuwafunda ngokuvakalayo.
- Ungagqibezela iimfunalwazi zelitheresi ezonwabisayo.
- Kungekudala kuza kubakho: ithala lezicengcelezo leelwimi ngeelwimi neliza kusetyenziswa ziintsana kunye nangabantwana abasebancinane kakhulu, kwakunye ne-"Ask the experts" apho unokuthumela imibuzo yakho malunga nokufunda nokubhala uze ufumane impendulo kwingcaphephe yelitheresi yeNal'ibali!

Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge phakathi.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.

A fish and a gift

Intlanzi kunye nesipho



Liesl Jobson
Jesse Breytenbach
Andy Thesen

We believe every child should own a hundred books by the age of five.

Become a book-sponsor and help change the world.

Get involved at bookdash.org

book dash

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi

Nal'ibali
It starts with a story...

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi

Drive your imagination

Always Papa brings a song. He sings the song while he pulls the oars. He sings the song while he pulls the nets. He sings the song as he winds the ropes. He sings the song as he cycles home. "Drop and swish. Find a fish. Pull and plop. Don't you stop."

Ngalo lonke ixesha uPapa ubuya nengoma. Ucula ingoma lo gama etsala iphini lokuqhuba isikhitshane. Ucula ingoma lo gama etsala imimatha yokuloba. Ucula ingoma xa asonga intambo. Ucula ingoma njengokuba enyova ibhayisekile yakhe, egoduka. "Yihla uze uthi swahla. Fumana intlanzi. Tsala macala onke. Ungayeki."



One special Friday Yusuf's father gets dressed before a flicker of light brightens the sky. He pulls on his heavy weather-proof jacket and the green woollen cap that covers his ears. He waves goodbye to his boy. Yusuf's eyes brighten when Papa says, "Today is the day I will catch a fish and bring a gift home for you."

Ngomnye uLwesihlanu okhethekileyo utata kaYusuf wanxiba phambi kokuba kuthi qheke ukukhanya esibhakabhakeni. Wazithi wambu ngesikhwehle sakhe kunye nomnqwazi wakhe wewulu oluhlaza wokogquma iindlebe. Wawangawangisa ebhabhayisa kunyana wakhe. Amehlo kaYusuf abengezela lulonwabo xa uPapa esithi, "Namhlanje yimini endiza kubamba ngayo intlanzi ndize ndikuphathele nesipho."

Fold 4

The men pull the boat in and coil up the cables. A hard white triangle catches Papa's finger.

"Whaaat? Whaaat? Whaaat?" cry the gulls. "What did you bring back for Yusuf?"

As the sun goes down, Papa answers the gulls, "A lucky shark tooth for my boy."

At home Yusuf holds his gift up to the stars.

Amadoda atsala isikhitshane aze asonge iintambo. Unxantathu onzima nomhlophe ubambisa umnwe kaPapa.

"Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a!" kukhala amangabangaba. "Umphathele ntoni uYusuf?"

Njengokuba ilanga lisiya litshona, uPapa uphendula amangabangaba, "Ndiphathele unyana wam izinyo lethamsanqa likakrebe."

Ekhaya uYusuf uphakamisela isipho sakhe phezulu, ezinkwenkwezini.

Fold

Some days Yusuf's father brings a story. Like the time they found sea turtles on the sand, hundreds washed up in a storm.

"Whaaat? Whaaat? Whaaat?" cried the gulls. "What will you do to help the turtles?"

Papa said, "We saved those turtles, I tell you straight. We sent them back to the ocean, every last one."

Ngezinye iintsuku utata ka Yusuf uza nebali. Njengalaa mini babefumene ngayo amafudo aselwandle entabathini, amakhulu-khulu amafudo etyekezwe lulwandle emva kwesiphango.

"Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a!" akhala njalo amangabangaba. "Uza kwenza ntoni enokuncedа amafudo aselwandle?"

UPapa wathi, "Siwasindisile loo mafudo, ndiyakuxelela. Siwabuyisele elwandle kwakhona, ndisho nelokugqibela."

Ouma Safiya wants a nice fat yellowtail for her supper. Mother wants a new dress.

"Don't be silly," says Ouma. "You'll be lucky if they catch even a tiny crab. More likely it will be fish-tail Friday. There aren't so many fish left in the sea."

Yusuf holds Ouma's hand. They cross the road at the bathing cabins.

"Whaaat? Whaaat? Whaaat?" cry the gulls perched on the bright rooftops. "What is for supper?"

UMakhulu uSafiya ufuna intlanzi i-yellowtail emnandi netyebileyo yesidlo sangokuhlwa. UMama ufuna ilokhwe entle.

"Musa ukufane ube nethemba," utsho uMakhulu. "Uya kuba unethamsanqa ukuba babambe unonkala omncinane. Mhlawumbi ingade ibe ngulwesihlanu we-fish tail lo. Akuseko zintlanzi zininzi zisele yo elwandle."

Fold



A fish and a gift?
Oh, what will it be? Papa cycles down to Muizenberg Beach. *Squeak, squeak* go the wheels all the way to Surfer's Corner.

Gulls circle the sky. "Whaaat? Whaaat? Whaaat?" they cry. "What will you bring back for Yusuf?"

Papa rings his bell. "Wait and see what it will be!"

Intlanzi kunye nesipho? Owu, kazi siza kuba yintoni? UPapa waqhuba ibhayisekile esehla ngendlela eya eMuizenberg. *Tshixi, tshixi*, angxola njalo amavili ukuya kutshona eSurfer's Corner.

Amangabangaba ayejikeleza esibhakabhakeni. "Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a!" akhala njalo. "Uza kumphathela ntoni uYusuf?"

UPapa wakhalisa uphondo lwebhayisekile yakhe. "Lindani niza kubona ukuba iza kuba yintoni na!"

Yusuf's father and uncle and cousins heave and pull. A little shark has been caught. It twists and thrashes in the waves. Yusuf's father untangles the nets, singing to the shark, "Drop and swish. Find a fish. Pull and plop. Don't you stop."

When the shark at last is free it streaks back into the waves, leaving only one fat yellowtail in the net. Ouma Safiya will be pleased.

Utata kaYusuf nomalume kunye nabazala bakhe bayakhefuzela bayatsala. Ukrebe omncinane ubanjisiwe. Uyabhinyalaza ezibethekisa emazeni. Utata kaYusuf ukhulula ukuphithana kweminatha, eculela ukrebe, "Yihla uze uthi swahla. Fumana intlanzi. Tsala macala onke. Ungayeki."

Ekugqibeleni xa ukrebe ekhululekile, edada ukubuyela elwandle, kushiyeka kuphela intlanzi enye etyebileyo yohlobo lwe-yellowtail. UMakhulu uSofiya uza kuvuya.

Fold 5



All day long Yusuf looks at the sky. It is bright and clear and windless. A fish and a gift! What will Papa bring home from the sea? Sometimes he brings a beautiful shell. Sometimes he brings a jewel-green bottle rinsed by the waves.

Yonke loo mini uYusuf wayejonge esibhakabhakeni. Sasilulaza, kungekho nalinye ilifu nomoya ungekho. Intanzi kunye nesipho! Uza kundiphathela ntoni bethu uPapa elwandle? Ngamanye amaxesha undiphathela unokrwece omhle. Maxa wambi andiphathela ibhotilana elulaza yamaso etyekezwe ngamaza.

Fold



UYusuf ubamba isandla sikaMakhulu. Bawela indlela ngakumagunjana okuhlamba.

"Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a!" kukhala amangabangaba ethe ngcu phezu kwamaphahla anemibala eqaqambileyo. "Yintoni isidlo sangokuhlwa?"

The fishermen watch the sun rise. They check their nets. They check their oars. They listen to the wind. They drag their boats down to the water. Yusuf's grandfather, Oupa Salie, was a treknet fisherman. Before him his father, Oupagrootjie Ridwaan, knew the sea too.

Abalobi babukele ilanga lisenyuka. Bakhangela iminatha yabo ukuba imi kakuhle kusini na. Bakhangela amaphini abo okuqhuba izikhitshana. Bamamela ukuba uvela ngaphi na umoya. Batsala izikhitshana zabo bezifaka emanzini. Utat'omkhulu kaYusuf, uTa'mkhul' uSalie, wayengumlobi oloba ngokutsala umnatha emva kwesikhitshane. Phambi kwakhe, utata wakhe, uTa'mkhul' uRidwaan, wayelwazi naye ulwandle.

Fold 6

Ouma Safiya watches through her binoculars, her fingers curled in curiosity. The shark siren sounds. Swimmers run back to the sand and grab their towels. Surfers rush to the shore, carrying their boards under their arms. Under the showers they strip off their wetsuits.



"Whaaat? Whaaat? Whaaat?" cry the gulls. "What will Yusuf's father bring from the ocean?"

UMakhulu uSafiya ujonge ngoomabonakude bakhe, iminwe yakhe ide yagoba kukufuna ukwazi. Intsimbi elumkisa ngobukho bukakrebe iyakhala. Abaqubhayo babaleka baphume elwandle, bathathe iitawuli zabo. Abadlali ngeebhodi kumaza baza elunxwemeni nabo, bethe khu phantsi kweengalo zabo ibhodi zabo zokukhwela kumaza. Phantsi kweeshawa bakhulula iimpahla zabo zokudada.

"Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a!" kukhala amangabangaba. "Uza kubuya nantoni utata kaYusuf elwandle?"

Last year the fishermen fought with the surfers.

"Whaaat? Whaaat? Whaaat?" cried the gulls.

"There's enough sea for everybody," said Yusuf's father. He showed the surfers the fishing license that had been Oupa Salie's. "Waves for all. Water for free."

Kunyaka ophelileyo abalobi balwa nabadlali ababaleka ngebhodi phezu kwamaza.

"Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a!" kukhala amangabangaba.

"Ulwandle lonele wonke umntu," watsho utata kaYusuf. Wababonisa abadlali iphepha-mvume yokuloba eyayiyekaTat'omkhulu uSalie. "Amaza ngawomntu wonke. Amanzi asimahla."

Fold



The boat rides into the waves. Papa's arms stretch to the oar. His leg braces against the side. His neck strains, his back muscles ripple.

Papa sings as he works, "Drop and swish. Find a fish. Pull and plop. Don't you stop."

Isikhitshana saya phambili siqhutywa ngamaza. Lingalo zikaPapa zabamba iphini lokuqhuba isikhitshane. Umlenze wakhe waxhathisa ecaleni lesikhitshane. Intamo yakhe yatsaleka, nezihlunu zakhe zashukuma.

UPapa wayecula lo gama asebenzayo, "Yihla uze uthi swahla. Fumana iintanzi. Tsala macala onke. Ungayeki."

Drive your imagination

Get story active!

Here are five quick and easy ideas for things to do together after you and your children have read, *A fish and a gift*.

1. Talk about why you think Yusuf's father put the little shark back in the sea.
2. Suggest what Yusuf might have done with the lucky shark tooth.
3. Draw pictures of what you think Yusuf's home looks like.
4. Draw pictures of Ouma Safiya thinking about a nice, fat yellowtail fish for supper and Yusuf's mother thinking about the new dress that she wants.
5. Take the cardboard insides of two toilet rolls. Use glue, string or wool to join the two cardboard rolls and make your own binoculars like Ouma Safiya's.

Yenza ibali linike umdla!

Nazi iingcingane ezintlanu ezilula nezikhawulezayo onokwenza izinto kunye nabantwana bakho ngazo emva kokuba nifunde ibali elisihloko sithi, *Intlanzi kunye nesipho*.

1. Thethani malunga nokuba kutheni utata kaYusuf embuyisele elwandle ukrebe omncinane.
2. Cebisa ukuba uYusuf ebenokwenza ntoni ngezinyo lethamsanqa likakrebe.
3. Zoba imifanekiso ebonisa ukuba ucinga ukuba likhangeleka njani ikhaya likaYusuf.
4. Zoba imifanekiso ebonakalisa uMakhulu uSafiya ecinga ngentlanzi i-yellowtail emnandi netyebileyo yesidlo sangokuhlwa kunye nomama kaYusuf xa ecinga ngelokhwe yakhe entsha ayinqwenelayo.
5. Thatha ikhadibhodi ephakathi kwirolo yephepha langasese. Sebenzisa iglu, umtya okanye iwulu ukudibanisa ezi rolo zekhadibhodi uzenzele umabonakude njengokaMakhulu uSafiya.

Know your Nal'ibali characters

Between the ages of six and nine, many children move through the stages of emergent reading to independence. So a lot happens in terms of literacy development, and it's important to keep reading to your children. Find out about Neo and what he enjoys reading, then enter the competition to win a gift card from Jet!

Neo is 8 years old. He lives with his mom, dad, Gogo and younger sister, Mbali. He speaks isiZulu and isiXhosa and some English too. Neo likes to explore and to try out new things. He also loves playing soccer and reading books. His favourite books are adventure stories – especially ones about pirates!

Bazi abalinganiswa bakho beNal'ibali

Phakathi kweminyaka emithandathu nelithoba, abantwana abaninzi badlula kumanqanaba okuba ngabafundi abasakhasayo bade babe bazifundela ngokwabo ngokukhululekileyo. Ngoko ke, kuninzi okwenzekayo mayela nophuhliso lwelitheresi kwaye kubalulekile ukubafundela abantwana bakho. Funda malunga noNeo nokuba wonwabela ukufunda eziphi iincwadi, uze ungenele ukhuphiswano ukuze uphumelele isipho esilikhadi lokuthenga sakwaJet!

UNeo uneminyaka esi-8 ubudala. Uhlala nomama, utata, uGogo kunye nodade wabo omncinane, uMbali. Uthetha isiZulu nesiXhosa kunye nesiNgesanyana esincinane. UNeo uyakuthanda ukukhangakhangela izintoyinto ngelifuna ulwazi nokuzama izinto ezintsha. Uthanda ukudlala ibhola ekhatywayo nokufunda iincwadi. Ezona ncwadi azithandayo zezamabali obudelangozi – ingakumbi ezibalisa ngabaphangi baselwandle!

Win! Phumelela!

To stand a chance of winning one of four Jet Gift Cards worth R100 each, send us the word **"Neo"** and tell us about one way you can encourage 6 to 9 year olds to keep reading. Email your answer to **letters@nalibali.org**, or SMS it to 32545 (standard data rates apply). Competition closes on 4 December 2014.

Ukuze ube sethubeni lokuphumelela elinye kumakhadi ezipho zokuthenga amane akwaJet naxabisa i-R100 lilinye, sithumelele igama elithi, **"Neo"** uze usixelele ukuba yeyiphi indlela onokukhuthaza ngayo abantwana abaneminyaka e-6 ukuya kwe-9 ukuba baqhubeke befunda. Impedulo yakho yithumele nge-imeyili ku-**letters@nalibali.org** okanye uyiSMSele ku-32545 (kuhlawulwa amaxabiso amiselweyo edata). Ukhuphiswano luvalwa ngomhla we-4 kweyoMnga 2014.

Terms and conditions: To enter, you must be 16 years or older. Employees of PRAESA are not eligible to enter. **Imiqathango nemimiselo:** Ukuze ungenele ukhuphiswano, kufuneka ube neminyaka eli-16 okanye ngaphezulu. Abasebenzi bakwa-PRAESA abavumelekanga ukuba balungenele ukhuphiswano.

Clue: Visit the "Reading & storytelling tips" section on the Nal'ibali website to find the answer.
Go to: http://nalibali.org/reading_story_topics/reading-with-6-9-year-old/

Umkhondo: Ndwendwela icandelo le-"Reading & storytelling tips" kwiwebhusayithi yeNal'ibali apho unokufuna khona impendulo.
Yiya ku-http://nalibali.org/reading_story_topics/ reading-with-6-9-year-old/

Jet Club



Story corner

Here is a new story to read aloud or retell. It is about a promise that a group of noisy birds, the storks, made long ago.

A promise is a promise (Part 1)

By Wendy Hartmann

Storks are those birds with the long orange legs and long orange beaks who fly from North to South and back again. Now, a very long time ago, storks were the noisiest birds in the whole world.

They used to talk all the time. By the time they reached Africa on their flight South, each of them was talking about a different thing, all of them were talking at the same time, and not a single one of them had anything interesting to say.

If one stork said, "Fish! I love to fish."

Another would say, "I love to fish in water. Water is so wet."

And another would say, "Wet? I hate getting wet."

And so it went on and on … "You're never dry if you're wet."

"Wet? Can you fly if you are wet?"

"Fly? Why, you just have to flap your wings and you can fly!"

And it was those last few words that the ostrich heard. He did not like the storks' chattering, but he forgot about the noise because the one thing he really wanted to do was fly.

Illustration by Richard Mackintosh
Umfanekiso nguRichard Mackintosh

So off he went to practise. For days he tried. He ran this way and that. He flapped his wings, but he never lifted off the ground.

"That's it," he said. "Not only do those storks talk too much, they talk nonsense. They need to be punished."

"We can't stand it either," complained the other animals. "Let's go see the wise lizard." So off they went to the river.

"You want silence?" asked the lizard. "Easy! Just say these words tonight at midnight and you will have silence." Then he whispered the magic words. "But," he said, "remember one thing. At midnight on the third day the spell will end. After that you have to come up with your own plan."

At midnight the animals gathered together. They whispered the magic words and waited for morning.

The next day they were amazed. There was not a sound from the storks and their beaks were shut tightly. At last the animals could hear each other. They were able to talk to each other without having to shout.

The animals managed to keep the storks from making a noise, but will the ostrich learn to fly? Get your supplement next week to find out.

Indawo yamabali

Nali ibali elitsha onokulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise kwakhona. Limalunga nesithembiso esenziwa kudala-dala liqela leentaka ezingxolayo, iingwamza.

Isithembiso sisithembiso (Inxalenye 1)

Libhalwe nguWendy Hartmann

Iingwamza ziintaka ezinemilenze emide e-orenji kunye nemilomo emide e-orenji, nezibhabha ukusuka eMantla ziye emaZantsi zize ziphinde zibhabhe zibuyele emva. Nantsi into ke, kudala-dala iingwamza yayizezona ntaka zingxola kakhulu kwihlabathi xa lilonke.

Zazisoloko zithetha ngalo lonke ixesha. Ngexesha ezifika ngalo e-Afrika kolo hambo lwazo luya emaZantsi, intaka nganye kuzo yayithetha ngento eyohlukileyo, zonke zazithetha ngaxeshanye, kwaye kwakungekho nanye kuzo eyayithetha into enomdla.

Ukuba enye ingwamza ithi, "Intlanzi! Ndiyayithanda intlanzi."

Enye iza kuthi, "Ndiyakuthanda ukuloba iintlanzi emanzini. Amanzi ayamanzisa."

Enye ke ithi, "Ubumanzi? Andikuthandi tu ukuba manzi."

Iya kuqhubeka njalo ke loo botyo ingenanquma, kuthiwe ... "Awusoze wome xa ukhe wamanzi."

"Umanzi? Ungakwazi khona ukubhabha xa umanzi?"

"Ukubhabha? Kutheni, ungaqhwaqhwazelisi amaphiko akho nje ubhabhe!"

Ngawo kanye loo mazwi okugqibela awaviwa yinciniba. Yayingakuthandi ukuncokola kweengwamza, kodwa yalibala ngengxolo yazo kuba eyona nto yayinqwenela kakhulu ukuyenza yayikukubhabha.

Nantso ke isimka ukuya kuziqhelisa. Kwaqengqeleka iintsuku ezininzi izama. Yayibaleka iye ngapha ibuye iye ngaphaya. Yaqhwaqhwazelisa loo maphiko ayo, kodwa ayizange ikwazi ukuntinga isuke emhlabeni.

"Hayi ke," yatsho. "Ezaa ngwamza azithethi kakhulu nje kuphela, zithetha ubuvuvu bodwa. Zifuna ukohlwaywa."

"Nathi asikwazi ukuyinyamezela ingxolo yazo," kukhalaza nezinye izilwanyana. "Masihambe siye kubona icikilishe elinobulumko, sicele icebo." Zahamba ke zaya emlanjeni.

"Nifuna inzolo?" labuza icikilishe. "Kulula oko! Thethani nje la mazwi ezinzulwini zobusuku ngokuhlwanje, niza kuyifumana inzolo." Emva koko lasebeza amazwi omlingo. "Kodwa," litshilo, "nize nikhumbule into enye. Ezinzulwini zobusuku, ngosuku lwesithathu umlingo uza kuphela ungasebenzi. Emva koko kuza kufuneka nize nelenu icebo."

Ezinzulwini zobusuku izilwanyana zaqokelelana. Zasebeza amazwi omlingo zaze zalinda kwayintsasa elandelayo.

Ngosuku olulandelayo zazimangalisiwe. Kwakungekho nesinye isandi esiphuma kwiingwamza kwaye imilomo yazo yayivaleke vingci. Ekugqibeleni ezinye izilwanyana zazikwazi ukuva esinye xa sithetha. Zazikwazi ukuthetha esinye nesinye ngaphandle kokukhwazana.

Izilwanyana zakwazi ukwenza iingwamza zithi cwaka zingenzi ngxolo, kodwa ingaba inciniba iza kukwazi ukubhabha kusini na? Funda kuhlelo lwakho lweveki ezayo ufumanise okuya kulandela.

Find us on Facebook: www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane ku-Facebook: www.facebook.com/nalibaliSA

How have books and stories shaped your life and your children's lives? Have they helped you to explain a difficult situation to your child? Or has discovering a favourite story encouraged your children to read and helped improve their reading at school? Tell us on Facebook (www.facebook.com/nalibaliSA), or Twitter (www.twitter.com/nalibaliSA) using the hashtag #StoryPower, or email us at info@nalibali.org and we could feature how stories have made an impact on your life!

Ingaba iincwadi zibe nafuthe lini kubomi bakho nobabantwana bakho? Ingaba zikuncedile wakwazi ukucacisela umntwana wakho ngemeko ethile enzima kusini na? Okanye ingaba ukufumana elona bali lithabathekisayo kubakhuthazile kusini na abantwana bakho ukuba bafunde kwaze kwanceda nokuphucula ukufunda kwabo esikolweni? Sixelele ku-Facebook (www.facebook.com/nalibaliSA), okanye ku-Twitter (www.twitter.com/nalibaliSA) usebenzisa i-hashtag engu-#StoryPower, okanye usi-imeyilele ku-info@nalibali.org, thina ke sinokupapasha loo ndlela amabali abe nefuthe ngayo ebomini bakho!

Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.45 a.m.

SAfm on Monday to Wednesday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.

UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.45.

SAfm ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

Supplement produced by The Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translated by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Drive your imagination

Daily Dispatch The Herald Sunday Times Sunday World